# BUDGET 2011

Umkhombandlela woluntu

national treasury
Department:
National Treasury
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Issued by National Treasury, Private Bag X115, Pretoria,0001
**Enquiries:** Communications, Tel: (012) 315 5757, www.treasury.gov.za

ISIXHOSA

Minyaka le ngeyoMduba (Februwari), uMphathiswa wezeMali ubhengeza indlela urhulumente azakusebenzisa ngayo imali, irhafu kunye nendlela urhulumente azakuboleka imali ngayo kwiminyaka emithathu ezayo. Le nto ibizwa ngokuba lulwabiwo mali lukazwelonke. Icacisa ngendlela imali ezakwabiwa ngayo phakathi kwamanqanaba karhulumente ukususela kuzwelonke, amaphondo ukuya koomasipala.



# KUZAKUCHITHWA IZIGIDI ZEERANDI UKUDALA AMATHUBA EMISEBENZI

Urhulumente uzakusebenzisa izigidi zeerandi kule minyaka mithathu izayo. Oku kuzakudala amathuba emisebenzi ingakumbi azakunceda ulutsha. Kaloku ulutsha lolona kudinga imisebenzi kakhulu.

**Urhulumente uzakuchitha isixa mali esiyi R809 bhiliyoni esakha iindlela, amadami, ubuxhakaxhaka bokutsala umbane, ezololiwe nezinye ezininzi. Ngaphezulu, urhulumente uzakwandisa amathuba emisebenzi yethutyana ngokutyala iR70 bhiliyoni kwicandelo lemisebenzi kawonke-wonke (Expanded Public Works Programme).**

"Unyaka ka 2011 ngunyaka wokudala amathuba emisebenzi, oku kuzakwenziwa ngokuguqula imo yezoqoqosho ukuze kuxhamle wonke umntu," uthethe watsho uMongameli u Jacob Zuma esothula intetho yakhe yokuvula iPalamente. "Sibongoza onke amaziko nabezoshishino ngokubanzi ukuba banike ingqwalasela ekudaleni imisebenzi. Intsebenziswano ibalulekile ukuze liphumelele eliphulo."

> Kukho imali ebekelwe bucala ukudala amathuba emisebenzi kwimveliso

UMongameli utsho ecacisa nge R9 bhiliyoni ebekelwe bucala ukuzama ukudala amathuba emisebenzi. Le ngxowa mali izakusetyenziswa kwiinkqubo zemisebenzi ingakumbi apho kunokuthi kuqashwe khona ulutsha. Kuzakufuneka urhulumente, oosomashishini namasebe angekho ngaphantsi korhulumente aze nembono zokuba nkqubo zini na ezinokuqalwa. Le nkqubo ingadala amathuba aphakathi kwe 50 000 ne 100 000 yemisebenzi kwiminyaka emithathu.

Kukho ne R5 bhiliyoni ezakuncedisa ukudala amathuba emisebenzi ukuze kuxhamle ulutsha. Le yinkxaso karhulumente ezakwenza kubelula ukuqesha abantu abatsha abangenalwazi lunzulu ngomsebenzi. Ulutsha luzakusebenza lubhatalwa kule misebenzi. Umntu omtsha othe wadlula kule nkqubo uzakwandisa amathuba akhe okufumana umsebenzi.

Ukusebenza akuthethi kwamkela imali kuphela – kuquka ukukwazi ukuzimela, ukuziqonda, impumelelo nokuqala izinto ezintsha. Urhulumente ufuna ukusondeza abantu abaninzi kuqoqosho lweli," uthethe watsho umphathiswa wezemali uPravin Gordhan.

Ngo 2010 phantse ibesisiqingatha sonke sabantu abangaphantsi kweminyaka engamashumi amabini anesihlanu (25 years) abebenokukwazi ukuphangela kodwa baswele ingqesho. Le nkxaso ye R5 bhiliyoni izakunceda ukuguqula esi simo yaye kudalwe namathuba emisebenzi ayi 178 000.

Kangakokuba urhulumente ezimisele ukudala amathuba emisebenzi, uzakuqala inkqubo ekuzakuxhamla kuyo oosomashishini abakwicala lezemveliso (manufectures). Le nkqubo izakunceda amashishini aguqule indlela enza ngayo imveliso, anciphise nendleko. Kuzakufuneka abasebenzi baqeqeshwe kwizakhono ezitsha.

Imisebenzi ezakudalwa lolutyalo mali izakunceda ukuphucula imo yeli yezoqoqosho. Imo yoqoqosho xa ikhula ngokukhawuleza inceda ukudala amathuba emisebenzi.

Ngalamalinge, urhulumente uzimisele ukwehlisa izinga lentswelo ngqesho kwilizwe lethu aphucule nomgangatho wentlalo kuluntu lweli.

# AMAGQABANTSHINTSHI OLWABIWO MALI LUKA 2011

**Olona tshintsho luphambili kolu lwabiwo mali, kuquka iminyaka emithathu:**

- I R10 bhiliyoni yokudala amathuba emisebenzi, ukuze kuxhamle nolutsha, nokuncedisana namashishini asakhulayo,
- I R9.5 bhiliyoni izakunceda ekwandiseni inani labafundi kumaziko emfundo ephakamileyo (FET colleges) nokuphucula izakhono
- I R 8.2 bhiliyoni izakuphucula izikolo
- I R7.9 bhiliyoni izakuphucula ezempilo, izibhedlele nokulwa ugawulayo
- I R10.4 bhiliyoni iya kwezothutho zikawonke-wonke, iindlela nobuxhakaxhaka boololiwe
- I R7.2 bhiliyoni izakuphucula indawo zokuhlala, ubuxhakaxhaka bamanzi kunye nezinye inkonzo zoomasipala
- I R2.8 bhiliyoni izakuxhasa ukuphuculwa kweelali incedise namafama asakhasayo
- IR8.9 bhiliyoni izakuphucula intlalontle iye nakwi nkam-nkam
- I R1.8 bhiliyoni izakujongana nentlekele eyehle koomasipala namaphondo
- Inkam-nkam yabadala nabantu abakhubazekileyo inyuka nge R60 ibeyi R1 140 ngenyanga, ukuqala ngo Epreli

## IZICWANGCISO ZERHAFU EZICETYWAYO

- Abasebenzi bazakufumana umnyinyiva ongagenge R8.1 bhiliyoni
- Xa umntu ethatha umhlala phantsi akuzukubhatala rhafu kwisixa mali esiyi R315 000
- Ixabiso le pakethi yezigarethi ezingamashumi amabini (20) linyuka ngeesenti eziyi 80
- Ixabiso le bhotile yeblanti (spirits) eyi R750ml inyuka nge R2.73
- Ixabiso lebhotile ye wayini (wine) eyi 1litre inyuka ngeesenti eziyi 30
- Inkonxa ye bhiya (beer) eyi 340ml inyuka ngesenti eziyi 6
- Kuzakubhatalwa irhafu kwinzuzo engaphaya kwe R25 000 evela ekungcakazeni
- Irhafu kwi petrol nedizili inyuka ngeesenti eziyi 10 ilitha ngomhla we 6 Eprili 2011

## INKAM-NKAM

| | 2010/11 | 2011/12 |
|---|---|---|
| Eyabantu abadala | 1 080 | 1 140 |
| Eyabakhubazekileyo | 1 080 | 1 140 |
| Eyabantwana | 250 | 270 |
| Eyabakhulisa abantwana abangengabo ababo | 710 | 740 |
| Eyabagcina iimbhedlenge | 1 080 | 1 140 |
| Eyamagorha emfazwe | 1 100 | 1 160 |

# IZAKUPHUCULWA IMO YEZEMFUNDO

**Imfundo ibaluleke kakhulu kwilizwe lethu. Enye yezinto ezingundoqo nazimisele ukuzenza urhulumente kukuphucula izinga lezemfundo eMzantsi Afrika. Esenza intetho yakhe yokuvula iPalamente, uMongameli ucacise ngezinto ezinthathu ezingundoqo ekufuneka zenzeke ukwenzela ukuphucula umgangatho wezemfundo kweli. Zinto zini ke ezi? Ngoothitshala, iincwadi zokufunda ne xesha. Zontathu, zidinga imali ukuze zenzeke ngempumelelo. Kwiminyaka edlulileyo imfundo ibisoloko isabelwa imali eninzi kunamanye amacandelo, nakulonyaka ezemfundo zifumana isixa esikhulu kunamanye amasebe. Oku kwenziwa kukuba urhulumente wazi mhlophe ukuba ukuze ilizwe likwazi ukukhula, ukulwa indlala kwehle nezinga lentswelo ngqesho imfundo kufuneka ikhokhele phambili. Abantu abafundileyo bayakwazi ukufumana imisebenzi futhi baphucule nobomi babo.**


Kubekelwe bucala imali engage R8.2 bhiliyoni elungiselelwe ukwakha izikolo ukuze kungaphinde kubekho bantwana bafundela kwizindlu zodaka nazo zonke indawo ezingekho mgangathweni. Ngamanye amaxesha abantwana abafundela kwindawo ezingaphucukanga baye bangaqhubi kakuhle esikolweni.

Nazi ezinye izinto ezongezelelwe imali kulonyaka:

- IR596 miliyoni izakusetyenziselwa I Funda Lushaka Bursaries, iphulo elizakuthi ngo 2013 libe sele livulele otishala abayi 15 217 amathuba okuba baqhubele phambili ngezifundo zabo simahla
- IR3.6 bhiliyoni izakuya kwi National Financial Aid Scheme (NSFAS) ukuze kongezwe imali esetyenziswa ukubonelela abantwana abadinga imali yokuqhubela phambili kumaziko aphakamileyo
- IR1.4 bhiliyoni yongezelelwa amaziko aphakamileyo emfundo zezakhono zezendla (FET colleges) ukuze kule minyaka mithathu izayo kwenyuswe umgangatho ne nani labafundi kwezi FET colleges
- Isibonelelo sokufunda simahla kumaziko aphakamileyo emfundo zezakhono zezendla (FET colleges) yongezwe nge R3.9 bhiliyoni

Urhulumente uzama ukuqinisekisa ukuba ootitshala bakumagumbi okufundisela, ngexesha, iyure ezisixhenxe ngosuku. Imfundo luxanduva lwethu sonke nto leyo ithetha ukuthi fukuneka sibambisane sonke. Urhulumente akanako ukwuzenza zonke izinto yedwa. Abafundi, abazali, oosomashishini noluntu ekuhlaleni kufuneka luncedisane norhulumente ukuphucula ilizwe lethu.

# YIMALINI KE EZAKUSETYENZISWA?




## IMPILO ENGCONO KUBANTU BONKE BOMZANTSI AFRIKA

**Urhulumente uzimisele ukuphucula ubomi babemi base Mzantsi Afrika. Ngaphezulu, urhulumente ufuna ukuqinisekisa ukuba liyanda inani leminyaka ephilwa ngabemi beli. Icandelo lezempilo lisikelwe iR360.6 bhiliyoni kolu lwabiwo mali luka 2011. Le mali izakusetyenziswa kule minyaka mithathu izayo. Yaye izakusetyenziselwa ukuphucula inkonzo zempilo zoluntu nokuqalisa inkqubo yezempilo kazwelonke nebizwa njenge National Health Insurance. I NHI le ke sele iqalisile yaye kuzakude kube yiminyaka elishumi elinesine ezayo iqhuba le nkqubo.**

Sele enamanyathelo awenzileyo urhulumente kwi NHI aquka ukuphucula inkqubo zee kliniki. Ezi ke ziinkonzo zempilo eziqinisekisa ukuba abantu bathintela izifo bengekaguli endaweni yokuzama ukunyanga abantu sele begula kakhulu. I R1.2 bhiliyoni ke izakusetyenziselwa ukuqala amaqela oogqirha, abongikazi, nabantu abasebenzisana noluntu kwezempilo. La maqela ke azakusebenza kumaziko ezempilo, ekuhlaleni njalo njalo. Le R1.2 bhiliyoni izakunceda ukuphucula iinkonzo ezifumaneka ezibhedlela.

Icandelo le NHI kwisebe lezempilo lisikelwe I R8 miliyoni eya kule nkqubo intsha ye NHI ne R1.7 bhiliyoni esisibonelelo esizakujongana nezakhiwo kumacandelo ezempilo. Esi sibonelelo sesokwakha nokugcina izakhiwo ezisemgangathweni.

Iinzame zika rhulumente zokulwa isifo sikagawulayo ziyaqhubeka nazo. Kolu lwabiwo mali, iR2.5 bhiliyoni ibekelwe ukuqinisekisa ukuba abantu bayazifumana iinkonzo. Le mali izakuncedisa ekwandiseni inani labantu abafumana unyango olwaziwa ngenje ARV. Oku ke kuthetha ukuba inani labantu abafumana olu nyango luzakwanda ukusuka kwi 1.2 miliyoni kunyaka ka 2010/11 ukuyakwi 2.6 miliyoni ngonyaka ka 2013/14.

Imali engange R1.4 bhiliyoni izakusetyenziselwa ukuphucula iinkonzo zempilo ezijongene noomama nabantwana, kuqeqeshwe abongikazi abayi 400 nabantu abancedisa ekubelekiseni abakhulelweyo, kuphuculwe iinkonzo zempilo ezikolweni, iinkonzo zoomama nabantwana kunye nezibhedlele zezithili.

Isixa mali esiyi R2.7 bhiliyoni sibekelwe ukuphucula amacandelo ezempilo, nobuxhakaxhaka obusetyenziswa ezibhedlele. Oku kuzakwenziwa kuzo zonke izibhedlele.